



Vaccine Assist Programme

Ingaba ndiza kuba nazo naziphi iziphumo ebezingalindelekanga?

Abantu abaninzi baza kuziva bengenangxaki emva kokugonywa.

Isitofu sokugonya sinokubanga iziphumo ebezingalindelekanga kubantu abathile. Oku kwalisa ayiyonto ongazikhathaza ngayo—kuthetha ukuba isitofu sokugonya siyasebenza kwaye umzimba wakho ufunda ukulwa i-COVID-19.

Ukuba ngaba unazo iziphumo ebezingalindelekanga, kufanele ukuba zithathe usuku olunye okanye ezimbini kuphela.



Engalweni apho sihlatywe khona isitofu sakho: iintlungu, ukuba bomvu, ukudumba



Emzimbeni wakho xa uwonke: ukudinwa, intloko ebuhlungu, iintlungu zezihlunu, ingqele, umkhuhlane, ubucaphucaphu

Ukuba uziva ungaphilanga, sitsalele umnxeba okanye uye kwagqirha



Usenemibuzo?

Buza uGqirha M: 0800 24 36 72